Siyalandula Asinaze sithi cwaka kwintlupheko nomzabalazo wabantu abahluphekayo bexhatshazwa ngokutsalelwa imali ngaphandle kwemvume nakungekhomthethweni. Lonto yenza abantu bangabi nakutya koneleyo bangakwazi nokusebenzisa namayeza onyango.

Abantu abaninzi ngakumbi abasemaphandleni bayasokola ukufumana imbuyekezo, bachitha imali eninzi bebhatala inqwelo zamafutha ne airtime kodwa bangade bafumane uncedo.

SICELA UMNGENI KUTSALO MALI OLUNGUVEMELEKANGA NELINGEKHO MTHETHWENI OLWENZIWA YILE KONTRAKA YAKWASASA: SIGUNYAZISA URHULUMENTE AFEZEKISE IMIGOMO YEMGAQO SISEKO.

SIYAKUMEMA SIKUCELA UXHASHE LENTSHUKUMO NGE 17-18 OCTOBER KWIPRETORIA HIGH COURT.

ISIPHUMO SENKUNDLA SIYAKUCACISA AMANDLA WOMPHATHISWA WENTLALAKAHLE UKUPHELISA OLUTSALO MALI LUNGAVUNYELWANGA LUNGEKHO NASEMTHETHWENI.

BlackSashSouthAfrica

#handsoffourgrants | @black_sash | www.blacksash.org.za

HANDS OFF OUR GRANTS CAMPAIGN

Ikhwelo lokuba kusetyenzwe!
Yekani iGrants Zethu
(HOOG)

NgoOctober ka 2015 abantu abangaphezu kwe 1200 abavela kwimibutho engekho phantsi koRulumente banyanzelisa ukuba ukutsalwa kwemali okungavumelekanga , okungekho mthethweni yabantu abamkela inkamnkam kupheliswe.

OCTOBER 2016 ZISATSHO NGANGOKU

Umthetho omtsha owongezelelweyo opapashwe ngo May 2016, wawenzelwe ukunqanda ukutsalwa kwemali yabantu bendodla ngokungekho semthethweni kungekho sivumelwano. Iinkampani u Cash Payment Services (CPS) noGrindrod Bank zayalelwa ukuba ziroxise zonke istop orders kwi account zabantu abamkela inkamnkam.

Kodwa ke ngoJune 2016 iinkampani eyongamele uCPS, namanye abasebenza nayo kubandakanya Moneyline noManje Mobile Service, nezinye inkampani zasa urhulumente enkundleni kumatyala amane zicela umngeni ekutolikweni kwalomthetho mtsha nowongezelelweyo. Abaceli mngeni bacela iNkundla Ephakamileyo itolike ukuba kwezibank account zabantu abamkela indodla kuvumeleke lonke uhlobo lotsalo- mali na? Banemibuzo ngamagunya oMphathiswa wentlalo ntle kutsalomali ezibankeni, bekwathi lemithetho ayihambiselani nomgaqo siseko, yaye indlela etolikwe ngayo ayilunganga. IBlack Sash nabanye bacela inkundla inyanzele iqumru lentlalo ntle ukuba likhusele abantu abamkela indodla kwaye baxhase uluvo oluthi lomthetho utolikwa ngendlela engeyiyo. Bakwagxininisa ukuba urulumente makanikwe ithuba awulungise ukuze akhusele bonke abantu abamkela indodla.

Sithathe inyanga eziliqela siqokelela ubungqina kubantu abatsalelwe imali zabo benganikezelanga mvume yokuba imali yabo yendodla itsalwe. Intatheli nazo zibonise into yokuba ikhona into engalunganga ekutsalweni kwemali ngokungekho semthethweni kwaye bavakalisa ukuba lomkhwa usaqhubekeka. USASSA wenze inzame ukusombulula olutsalo- mali kodwa ezonzame ziwa phantsi kuba basebaninzi abantu abangazifumani mbuyekezo nabasatsalelwayo. MAYIPHELE LENTO. Eliphulo lingelungelo lomGaqo Siseko.

Okokugqibela ngo April 2014, inkundla yoMgaqo Siseko yayalela USASSA ukuba ayibhatale ngokwakhe indodla. NgoNovemba 2015 USASSA wathumela kwiNkundla yoMgaqo Siseko izicwangciso namaxesha ezakwenza ngawo lo myalelo, ethatha noxanduva lokubuyisela imali kubantu abachaphazelekayo ngaphambi kukaMarch 2017. SIMJONGILE KE noSASSA AFEZEKISE ISITHEMBISO SAKHE.

IPHULO Elikhokhelwa nguBlack Sash elingu HOOG (Hands Off Our Grants) umemelela ukuba:

- USASSA enze izicwangciso sokuhlawula nokulawula indodla ngokwakhe.
- USASSA aphucule indlela ehamba ngayo umbuyekezo yabantu abachaphazelekayo kutsalo- mali yendodla engavumelekanga nengekho mthethweni.
- UCPS NO Grindrod Bank mabathathe uxanduva lokubuyisela zonke imali nenzala ezitsalwe ngaphandle kwemvume nezingekho mthethweni ukuqalela ngo 2012.
- USASSA makakhusele inkcukacha eziyimfihlo zabantu abamkela indodla kokrebe omashonisa abangababolekisi mali bangazenzeli unothanda kwibanka zabo. Oku kuzakucutha ungcipheko yemali yabo nokuba benziwe izigculelo zokwenza inzuzo ngendlela engafanelekanga.

BLACKSASH AND ACAOSA KUNYE NOSASSA SICELA INXASO YENU KOKU:

- Bhalisa ibango lakho ngokutsalela umnxeba kwi Office ka SASSA ekufuphi nawe okanye fowunela kule nombolo 0800 60 10 11, okokuba akufumani ncedo bhenela eNational Office.
- Bhalisa Amandla.mobi 'Hands Off Our Grants'petition. Uye https://awethu.amandla.mobi/petitions/hands-off-our-grants. Xa ungena ndlela yokufikelela kwi internethi unako ukuthumela umyalezo othi 'grants' okanye u Please Call me okanye u Whatsapp kwinombolo 074 357 6937
- Ukuba umbutho wakho ufuna ukuzibandakanya nalomgushuzo ochaza esisenzo, zimanye neliphulo ngokuthumela I email ku handsoffourgrants@blacksash.org.za
- Intshukumo echasa utsalo olungekho mthethweni uyakuba ngemini yetyala nge 17-18 October 2016 e Durban nase Cape Town.